


**I**zichumisi zoozenzele zinegalelo elibi kwimvelo nako konke okusingqongileyo ekuhambenikwexesha. Kumaxesha amaninzi zi:

- **bulala iintsholongwane eziphilisa umhlaba** – iintsholongwane zinto apha eziphililayo ezincinci kakhulu ukubonwa ngelihlo lenyama, ziguqula inkunkuma ziyenze izinongo ezityebileyo eziba kukutya komhlaba;
- **fakwa ngapha komlinganiselo** – oku kongeza umlinganiselo wetyiwa emhlabeni nto leyo itshisa ingcambu zezityalo yenze ukuba izityalo zikhule kade, zome, ziphelele zisifa;
- **zongeza inqanaba lenayitreti emhlabeni** – izityalo ezikhula kumhlaba onje zinobuzaza kubantu abazityayo;
- **zonzakalisa isakhono somhlaba sokuba uphokoqeke** – ngumhlaba ophoqekileyo kuphela okwazi ukufunxa amanzi;
- **zikhukulisekela kwimilanjana, imilambo namachibi** apho zifika zibhoxe ubudlelwane bendalo yasemanzini zitsho ziwangcolise amanzi;
- **khukulisekela kumanzi asemhlabeni nakumhlaba ongaphantsi** zibe izityalo zona zingazuzi lutho kuzo;
- **zongeza izifo ezininzi kwizityalo**; kwaye
- zivelisa iziqhamo nemifuno **engenasondlo kwaye engenancasa**.



## IGALELO LEZICHUMISI ZOOZENZELE **KWIMIVVELO**